



## Sharing books with babies and toddlers

**Why bother to read to babies who can't yet talk or to toddlers? The simple answer is that it is a wonderful way to get to know each other, develop your baby's or toddler's language and stimulate their minds to have big thoughts and ideas! Here are some tips for your reading times:**

- First books that have simple pictures or photographs of babies' faces usually work well for very young babies.
- Repetition and routine makes young babies feel secure so you can read the same book over and over again in exactly the same place each day without boring your baby! You can also say different things (and in different languages!) to

what is written on the page as long as you and your baby are enjoying yourselves.

- Until your baby can sit by himself, it's easiest to put him on your lap with his back against you and to hold the book in front of him.
- From about six months of age, most babies also enjoy books that have songs and rhymes in them. Read the words but also talk about what is in the pictures and name some of the objects and colours. Don't forget to make lots of interesting sounds too – for example, 'moo' when you look at a picture of a cow!
- Board and cloth books work best when you want to allow your baby to handle books on her own like during nappy changes or when she is in her pram. These books can be chewed, pulled and

patted without breaking!

- Older babies enjoy books with flaps, pop-ups and buttons that you press to make sounds. They also begin to get more involved with what is going on in the book like pointing to things on the page or trying to turn the page.
- Between one and three years, children's ability to understand and use language increases dramatically. Although they continue to enjoy the books from their first year, they often like stories about other children, animals and familiar everyday experiences.
- Continuing to set aside special times each day to read with your toddler will help him or her to learn that reading is a pleasurable activity!

## Ukwabelana neentsana kwanabantwana ngeencwadi

**Kutheni uza kuzixakekisa ngokufundela iintsana ezingekathethi okanye abantwana? Ipendulo elula yeyokuba le yeyona ndlela incomekayo yokuba nazane, yokufundisa iintsana okanye umntwana wakho ulwimi uze uhlupheze iingqondo zabo ukuze zicinge ngeengcinga namava abanzi! Nazi ezinye zeengcebiso zamaxesha okufundelana:**

- Iincwadi zokuqala ezinemifanekiso elula okanye imifanekiso engobuso babantwana yeyona ibalungele kakuhle abantwana abancinci.
- Ukuphindaphinda nokugxila kwidlela ethile ekufundeni amabali ibenza abantwana abancinci bazive bekhululekile, kwaye unakho ukuyifunda incwadi enye izihlandlo ngezihlandlo kwindawo enye mihla le ungakhange ube uyamdika umntwana wakho! Unakho nokubizela izinto ezahlukileyo (uzitsho ngeelwimi ezahlukileyo!) kunoko kubhalwe ephapheni kwaye okubalulekileyo kukuba wena nomntwana wakho nikonwabele oko nikwenzayo.
- Ngaphandle kokuba umntwana wakho abe sele ekwazi ukuzihlalela, kulula ukuba umsingathe oyame apha kuwe ngomqolo uze incwadi le uyibambe ibe phambi kobuso obu bakhe.
- Ukusukela kwiminyaka emithandathu yobudala, abantwana abaninzi bayazithanda iincwadi ezineengoma nezinesingqisho kuzo. Wafunde amagama kodwa uthethe nangoko kusemifanekisweni uze ukhankanye izinto kwanemibala esemifanekisweni. Musa ukulibala ukwenza izandi ezinika umdla kanaanjalo – umzekelo, 'mhu-u-u' xa ujonge

kumfanekiso wenkomo!

- Iincwadi zekhadibhodi nelaphu zezona zisebenza kakuhle xa ufuna umntwana wakho akwazi ukuzibambela iincwadi ngokunokwakhe, umzekelo xa etshintshwa ilweyile okanye xa ehleli kwisitulo sakhe esinamavili. Ezi ncwadi ke zinakho nokuhlafunwa, ukutsalwa nokubhambathwa kwaye zingophuki nangona kunjalo!
- Abantwana abadala bayazithanda iincwadi ezimiphetho enemifanekiso, imifanekiso etakayo kunye namaqhosha othi xa uwacofa kuvakale isandi. Oku kubenza babandakanyeke ngakumbi noko kuqhubeka encwadini, njengokwalatha izinto ephapheni nokuzama ukutyhila iphepha.
- Phakathi konyaka omnye nemiathathu, inqanaba lokuqonda kwabantwana nokusebenzisa kwabo ulwimi likhula ngokukhawuleza. Nangona beqhubeka bezonwabela iincwadi ukusukela kunyaka wabo wokuqala, ubukhulu becala bathanda amabali angabanye abantwana, izilwanyana namava aqhelekileyo emihla ngemihla.
- Kuluncedo kakhulu ukubeka ixesha elithile bucala yonke imihla ukuze ufunde nosana lwakho, kuba oku kuza kulunceda usana ukuba ukufunda lukuthathe njengomsetyenzana wokuzonwabisa!

For more tips on reading to babies and toddlers as well as books they often enjoy go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Which are your baby or toddler's favourite books? Let us know by 23 August 2012 on Twitter using the hashtag #nalibali and stand a chance of winning a set of Little Hands books.



Ngezinye izikhokelo zokufundela iintsana nabantwanana, kuquka neencwadi abaye bazithande, yiya kule dilesi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Zeziphi iincwadi ezithandwa lusana okanye umntwana wakho? Sazise phambi komhla wama-23 ku-Agasti ka-2012 ku-Twitter usebenzisa oku: hashtag #nalibali ukuze ufumane ithuba lokuphumelela iseti yeencwadi ezibizwa ngokuba ziiLittle Hands.

Connect with your child. It starts with a story ...  
Qinisa ubudlelane phakathi kwakho nomntwana wakho.  
Konke kuqala ngebali ...



# Story stars

## Raising a reader

Sindiswa Mondi started reading to her baby when he was six months old. We caught up with this working mom who likes to use stories as a way to spend quality time with her son.

### When do you read to your baby?

We read at bedtime just before we go to sleep every night.

### Does your son know when you are reading to him?

I believe he knows. His favourite book is a Xhosa one which has animals and the sounds that they make. When I start making an animal sound, he smiles and starts looking around for the book – he knows the sound is from the book and that we are going to read!

### Where do you get the stories you tell?

From the books – I haven't gotten to the point yet where I can pull stories from my head! But my son's nanny can. You can find him lying quietly on her chest listening to the sound of her voice until he falls asleep.

### Were you told stories growing up?

I grew up with my granny, who had tons of stories. I'll be telling my son some of those soon.

### What is your advice to other new parents when it comes to storytelling?

Stories are a great way for bonding with your child. Even though she or he might not show interest, they are listening and hear what you say. Keep trying!

# Iimbalasane zamabali

## Ukukhulisa umntwana ofundayo

USindiswa Mondi waqalisa ukufundela usana lwakhe xa lwaluneenyanga ezintandathu ubudala. Siye sadibana nalo mama ongumsebenzi nothandayo ukusebenzisa amabali njengendlela yokuchitha ixesha nonyana wakhe.

### Umfundela xeshani umntwana wakho?

Sifunda ngexesha lokulala ubusuku ngabunye ngaphambi kokuba silale.

### Ingaba unyana wakho uyayazi ukuba ngoku uyamfundela?

Ndikholelwa kwelokuba uyazi. Eyona ncwadi ayithandayo yeyesiXhosa enezilwanyana kwanezandi ezenziwa zezo zilwanyana. Xa ndiqalisa ukulinganisa izandi zezilwanyana, uyancuma aze alaqaze ekhangela incwadi leyo – uyazi ukuba isandi sivela kula ncwadi nokuba siza kufunda ngoku!

### Uwafumana phi amabali owabalisayo?

Ezincwadini – Andikafikeleli noko kweliya zinga lokuziqambela amabali! Kodwa impelesi kanyana wam iyakwazi yona. Ungamfumana elele ngesisu ethule cwaka emamele ilizwi lakhe de alale cum.

### Ingaba wena wawuwabaliselwa amabali usakhula?

Ndakhula ndihlala nomakhulu owayenamabali amaninzi. Unyana wam ndiza kumbalisela amanye waloo mabali kungekudala.

### Ungabacebisa uthini abanye abazali abatsha malunga nokubalisa amabali?

Amabali ayeyona ndlela incomekayo yokuqinisa ubudlelwane nomntwana wakho. Nangona enokungabonisi mdla, uyamamela kwaye uyakuva oko ukuthethayo. Qhubeka uzama!



Illustration by Alzette Prins  
Imifanekiso ngu-Alzette Prins

**Stop!**

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.

To read more about Sindiswa Mondi go to the Story Stars section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

If you know of a reading club, parent, caregiver or organisation working hard to root reading and writing into children's daily lives, tell us about them at [www.nalibali.org/nominate-a-story-star](http://www.nalibali.org/nominate-a-story-star) or Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 and we could feature them here!

**Yima!**


Ukuba awuyisayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko, labahlali, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.

Ukuze ufunde banzi ngoSindiswa Mondi yiya kwicandelo leembalasane zamabali ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

Ukuba likho iqela elifundayo olaziyo, okanye umzali, umnakekeli womntwana okanye umbutho osebenza nzima ukuzama ukubethelela ngokubaluleka kokufunda nokubhala kubomi bemihla ngemihla babantwana, sichazele ku: [www.nalibali.org/nominate-a-story-star](http://www.nalibali.org/nominate-a-story-star) okanye Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132 kwaye sisenokubaveza apha nabo!

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



## Get story active!

After you and your children have read *Can you?* try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- ★ Read the story together in your home language again, this time doing each of the actions.
- ★ Read the story in the other language of the supplement. Encourage your children to say the action words with you and to do the actions.

### If you have 30 minutes...


- ★ Play the game 'Do this, do that'. In this game, the leader says 'do this' followed by an action which everyone else copies. This is repeated using different actions as many times as you like. When the leader says 'do that', everyone should stand still. Those who copy a 'do that' action are out.
- ★ Draw a 'wiggle your nose' face with your children and write 'Wiggle your nose!' under it, saying the words aloud as you write them. Don't worry about what the picture looks like – just enjoy drawing and writing together!

### If you have one hour...

- ★ Take an A4 sheet of paper and divide it into six blocks. At the top of the page, write 'I can...'. Ask your children to draw pictures of themselves doing something different in each block. Encourage them to write one or two words that describe each action they have drawn, for example, 'run fast' or 'read' or write the words for them. Display your children's pictures so that other family members are able to see what achievements your children are proud of.

### Can you find the action words from *Can you?* in this word search puzzle?

shake	b	d	w	c	e	x	f
shrug	s	t	a	m	p	g	w
sleep	h	i	v	h	j	k	i
stamp	a	c	e	l	m	o	g
tickle	k	k	s	h	r	u	g
wave	e	l	n	p	s	q	l
wiggle	t	e	u	z	x	w	e
	v	s	l	e	e	p	e



## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nilifundile ibali elithi *Ungakwazi?* zamani ezinye zezi ngecebiso.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- ★ Fundani kunye ibali ngolwimi lwenu lwasekhaya, xa nifunda nilinganise itshukumo nganye.
- ★ Funda incwadi ngolunye ulwimi. Khuthaza abantwana ukuba bachaze amagama entshukumo baze benze iintshukumo kunye nawe.

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- ★ Dlala umdlalo othi 'Yenza oku, yenza okuya'. Kulo mdlalo, okhokelayo uthi 'yenza oku' alandelise ngentshukumo ethi yenziwe ngabo bonke. Oku kuyaphindaphindwa kusetyenziswa iintshukumo ezahlukeneyo kangangoko nifuna. Xa okhokelayo esithi 'yenza okuya', wonke umntu kufuneka eme bhunxe. Bonke abathe beza la ntshukumo ka- 'enza okuya' baphumile emdlalweni.
- ★ Zoba nabantwana bakho ubuso buka- 'wiggle your nose' uze ubhale 'Wiggle your nose!' ngaphantsi kwawo, ube uwabizela phezulu amagama ngeli lixa uwabhalayo. Ungabi naxhala ngendlela obonakala ngayo umzobo – yonwabela ukuzoba nokuba ndawonye!

### Ukuba uneyure enye...

- ★ Thatha iphepha elingu-A4 uze ulahlule libe ngamabhokisi amathandathu. Phezulu ephepheni bhala 'Ndinako...'. Cela abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yabo besenza into eyahlukileyo kwibhokisi nganye. Bakhuthaze ukuba babhale igama okanye amabini achaza intshukumo nganye abayizobileyo, umzekelo, 'baleka ngamendu' okanye 'funda' okanye ubabhalele amagama. Yibonise imifanekiso yabantwana bakho ukwenzela ukuba amanye amalungu osapho akwazi ukubona iimpumelelo abazingca ngazo abantwana bakho.

### Ingaba ungakwazi ukufumana amagama entshukumo ku-*Ungakwazi?* a kule phazili?

dlikidla  
tyityimba  
lala  
ngqisha  
nyumbaza  
wangawangisa  
nyakazisa

w	a	n	g	a	w	a	n	g	i	s	a
l	o	y	a	r	t	h	i	r	a	m	b
a	z	a	b	m	u	y	n	x	l	c	m
c	x	k	i	g	x	a	g	e	d	d	i
m	n	a	k	c	l	t	q	y	i	a	y
p	l	z	x	m	a	i	i	z	k	e	t
v	x	i	c	q	l	n	s	m	i	o	i
p	q	s	r	t	a	u	h	v	l	w	y
x	y	a	z	a	c	b	a	d	d	e	t

## Meet the Nal'ibali characters

### Mbali

Mbali is just 2 years old and she is Neo's little sister. She lives with Neo, Mom, Dad and Gogo so there's always someone who can read to her! She mostly speaks isiZulu but she can say some words in isiXhosa and English. Mbali loves dressing up and playing with her teddy bear. Books with nursery rhymes in them are her favourite but she also enjoys looking at Neo and Bella's books and pretending to read them. In fact, you will often find Mbali 'reading' to her teddy bear or Bella's dog, Noodle!

## Dibana nabalinganiswa bakaNal'ibali

### Mbali

UMbali uneminyaka nje emi-2 kwaye ungudadeboNeo omncinci. Uhlala noNeo, uMama, uTata noMakhulu ngoko ke usoloko ekho umntu oza kumfundela! Uthetha isiZulu ikakhulu kodwa akhona amagamana awaziyo ngesiXhosa nangesiNgesi. UMbali uyakuthanda ukunxiba kakuhle aze adlale nonodoli wakhe olibhere. Ezona ncadi azithandayo zezo zinezicengelezo kodwa ke uyakuthanda nokubuka iincwadi zikaNeo nezikaBella aze enze ngokungathi uyazifunda. Eneneni, ungamfumana uMbali emaxesheni amaninzi 'efundela' ibherana lakhe okanye efundela uNoodle,inja kaBella!



## Story corner

Here is the second part of the story about Lesedi and the tree seeds for you to read aloud or tell.

### The truth tree (Part 2) by Nola Turkington

After six months, Lesedi waited sadly for the new moon to climb the sky. Then he hurried to the Great Place, carrying his pot of soil without anything growing in it. At the Great Place he found all the same men waiting, each holding a pot, and in each pot there was a little tree. Only Lesedi held a pot without a tree.

The men laughed and whispered to each other, 'No way will the Princess choose Lesedi for her husband, there is not even a tiny tree in his pot.' Only the old King, the wise woman and Lesedi were silent.

Soon, the Princess arrived. This time she talked to each man in turn, and she looked carefully at every tree. At last, at the end of the long line, the Princess came to Lesedi. Gently, taking his pot from his hand, she held it up for everyone to see.



'This is the man I will marry, and no other,' declared the Princess. 'Lesedi has proved that he is honest. Before you received the seeds, for a day and a half, this wise woman boiled them in her big black cooking pot. That meant nothing could grow from the seeds. All the seeds were dead! Lesedi has brought a pot with no tree – this is how I know that he is honest!'

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

Three days later, there was a wonderful wedding feast. Many, many people came from all over Lesotho. All night long they ate and danced to the beat of drums. The young princess fell in love with Lesedi and he fell in love with her. And they lived happily ever after.

### In your next Nal'ibali supplement:

- How to read with 3 to 6 year olds
- Story stars: a father who reads regularly with his son
- Mini-book, *How the hippopotamus lost its fur*
- The first part of the story, *Feleng learns to read*

Need more resources? Nal'ibali is here to help! Visit the resource section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) for posters, bookmarks, checklists and tip sheets in English, isiXhosa, isiZulu and Afrikaans! You can also find us on Facebook.



Find us on Twitter: @nalibali  
Sifumane kuTwitter: @nalibali

## Ithuba lokubalisa

Nasi isigaba sesibini sebali elingoLesedi nembewu yomthi onokulifundela phezulu okanye ulibalise.

### Umthi wenyaniso (Icandelo lesi-2) Ngokubhalwa nguNola Turkington

Emva kweenyanga ezintandathu, uLesedi walinda kalusizi elindele ukuba inyanga entsha ivele esibhakabhakeni. Wakhawuleza waya eBhotwe, ephethe imbiza yakhe yomhlaba engenanto ikhulayo ngaphakathi. Komkhulu wafumana kwalawa madoda manye elindile, inye kuwo iphetho imbiza, kwaye kwimbiza nganye kwakukho umthi omncinane. NguLesedi kuphela owayenembiza engenanto.

Ahleka la madoda ehlebezela, 'Ayisokuze iNkosazana ikhethe uLesedi ukuba abe ngumyeni wayo, akukho nomthanyana okhulayo kula mbiza yakhe.' KwakuyiKumkani esele ikhulile, umfazi oyingqondi noLesedi kuphela ababethulile.

Kungekudala yafika iNkosazana. Kweli ityeli iye yathetha nendoda nganye imana ukujonga umthi ngamnye. Ekugqibeleni, ekupheleni komgca, iNkosazana iye yafika kuLesedi. Iye yayithatha esandleni sakhe imbiza yakhe ngobunono yaze yayiphakamisela phezulu ukuze ibonwe ngumntu wonke.

'Le yindoda endiza kuyitshata, kwaye ayikho enye,' yatsho iNkosazana. 'ULesedi uzibonakalisile ukunyaniseka kwakhe. Kusuku olunye olunesiqingatha ngaphambi kokuba ninikwe imbewu, lo mfazi oyingqondi uye wayibilisa imbewu ngembiza yokupheka enkulu emnyama. Loo nto ithetha ukuba akukho nto ibiza kukhula kulo mbewu. Imbewu yonke ibifile! ULesedi uze nembiza engenamthi – le yindlela endazi ngayo ukuba uthembakele!'

Kwiintsuku ezintathu emva koko, kwabakho isibhadlalala somtshato. Kwafika abantu abaninzi ababesuka mbombo zone zaseLesotho. Badla ubusuku bonke bedanisa kubethwa amagubu. INkosazana eselula yayimthanda uLesedi naye uLesedi wabe eyithanda le Nkosazana. Baze baphila ngolonwabo ubomi babo bonke.

Adapted from: 'The Truth Tree' from *Stories that Talk*. Published by Heartlines. © 2006



### Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ungafunda njani nabantwana abaneminyaka emi-3 ukuya kwemi-6
- Imbalasane yamabali: utata ofunda rhoqo nonyana wakhe
- Incwadi encinane, *Yalahlekelwa kanjani buboya bayo imvubu*
- Isigaba sokuqala sebali, *uFeleng ufunda ukufunda*

Ingaba udinga izixhobo ezingakumbi? UNal'ibali ukho ukuze akuncede! Yiya kwicandelo lezixhobo ku: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ufumane iiphowusta, izalathisi ezifakwa encwadini, uluhlu lwezinto ezifuna ukukhangelwa namaphepha eengebiso ngesiNgesi, isiXhosa, isiZulu neAfrikaans! Usenokusifumana nakuFacebook.




Read the original story, *Can you?* published by New Africa Books and available in bookstores. This story is also available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, Siswati, Sepedi, Sesotho, Setswana, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele.

New Africa Books publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about New Africa Books titles, email [info@newafricabooks.co.za](mailto:info@newafricabooks.co.za)

Funda uqobo lwebali elithi *Ungakwazi?* elipapashwe ngabakwaNew Africa Books nelifumaneka kwiivenkile zeencwadi. Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeSepedi, ngeSesotho, ngeSetswana, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele.

AbakwaNew Africa Books bapapasha iincwadi zabantwana ngazo zolishumi elinanye iilwimi zoMzantsi Afrika ezisemthethweni. Ukufumana iinkcukacha ezithe vetshe ngeencwadi zabakwaNew Africa Books sibhalele kule meyile [info@newafricabooks.co.za](mailto:info@newafricabooks.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).




INal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).





Shrug your shoulders.

Tyityimba ngamagxa.



shrug shrug shrug

tyityi tyityi tyityi



Stamp your feet.

Ngqisha ngeenyawo.



stamp stamp stamp

ngqi ngqi ngqi



Wiggle your nose.  
Nyakazisa impumlo.



wiggle wiggle wiggle  
nyaka nyaka nyaka





Tickle your tummy.

Nyumbaza isisu.



tickle tickle tickle

nyuku nyuku nyuku




Shake your body.

Dlikidla umzimba.



shake shake shake

dliki dliki dliki



Wave goodbye.

Wangawangisa isandla.



wave wave wave

wanga wanga wanga

